**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**

**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBE**
**INQANABA ELIPHEZULU**
**(Iphepha Lokuqala)**

# POSSIBLE ANSWERS OCT / NOV 2006

ICANDELO A

**UMBUZO 1**

Isicatshulwa esiphendulwayo:

1.1 Ipasika, iKrisimesi nonyaka omtsha. (3)

1.2 Abanye baba ziziqhwala naphakade
Abanye babe neziva nezivubeko
Abanye baphazamiseka engqondweni
Bahlala bengamaphaku-phaku xa behamba ngemoto.

Nayiphi na enye impendulo yamava omntu okhe wafumana ingazi yemoto, yamkelekile. (4)

1.3 Iya kukhawulezisa xa unohambo
Ikubalekisela esibhedlele xa ugula
Xa sithatha uhambo lokhenketho.
Iyasiphangelisa, isisa emtshatweni nasemingcwabeni, naphi na apho sifuna ukunya khona. (3)

1.4 Iba ngumbulali maxa wambi xa sele igagene nengozi. (1)

1.5 Hayi. Maxa wambi ingozi ibangelwa ziimeko ezingaphaya kwamandla omqhubi nawemoto. (1)

1.6 UTHULI: Iwenza umqhubi angaboni
- Intlabathi yenza imoto ingazinzi endleleni
- Imingxunya nezigingqi endleleni zixaka imoto
- Ubumxinwa bendlela benza iimoto zigruzulane
- Udaka lwenza indlela ibe mtyibilizi
- Ziyaxinga eludakeni iimoto (Naziphi na ezintathu, 3) (3)

1.7 INKUNGU: itsho angaboni umqhubi ngasemva nangaphambili
- Azibonakali ezinye izithuthi nezilwanyana
- Ikhephu livala indlela liyatyibilikisa
- Imvula enkulu ikhukulisa iimoto neebhulorho.
- Umoya uwisa imithi ulimaze imoto.
- Isichotho sophula neefestile zemoto ibe bobo butyobo.
(Naziphina ezintathu) (3)

1.8 Inkomo nehashe zezona zilwanyana ziyisubileyo imiphefumlo yabantu abaninzi. Imfuyo eyabulayo ingenamkhapheli enq umla indlela ingalindelekanga. (2)

1.9 1.9.1 Utywala / ndlomdlayo / umabilebanda / inyembezizika Viteliya. (2)
1.9.2 Bathanda utywala (2)
1.9.3 Isantya esiphezulu ngokoyikekayo / isantya esibanga amasikizi (2)
1.9.4 Imihlali nokuzigwagwisa / isigqozu / injezu / amabhongo (2)
1.9.5 Abaseze ngobuso elizweni/abasebatsha / abaselula (2)

**[30]**

ICANDELO B
**UMBUZO 2**

ISISHWANKATHELO

2.1 UThemba wafika kukho uLizo kwaNosisa. UThemba wacaphuka kodwa akakwazi nokuthetha nto noNosisa. Bathula bonke endlwini kukubi. Akuzange kulalwe amanene atshaya kwasa. Wavuka ngonyezi uThemba waleqa ibhasi, engathethanga noNosisa. Wabindeka akucinga ngemali akhela ngayo uNosisa ipomakazi lendlu kokwabo, kanti intombi iyamdlala. (Amagama 30)

Amanqaku aphambili anomgca ngaphantsi:

ULWABIWO -MANQAKU:

| | |
|---|---|
| Inani | 2 |
| Intsingiselo | 2 |
| Iingongoma | 6 |

**[10]**

ICANDELO C
**UMBUZO 3**

3.1.1

| | | |
|---|---|---|
| Izihlomelo | Udidi | |
| Ekufikeni | Esexesha | (2) |
| Ekhaya | Esendawo | (2) |

3.1.2 Isihlomelo sesithathu: Ebuhlanti (1)

Isitheta-ntonye: Esibayeni (1)

Isivakalisi: Valela zonke iibhokhwe esibayeni. (2)

3.1.3

| **Izimelabizo** | **Udidi** |
|---|---|
| 1. Zonke | Esoquko |
| 2. Ezo | Esokwalatha / isikhombisi |
| 3. Zona | Esoqobo |

(6)

3.1.4 – Zakhonkotha zonke izinja zelali.
– Susani ezo mbiza eziko ziyatsha
– Iintombi zam zona zilele (2X3)= (6)

**UMBUZO 4**

4.1

| Uhlobo lolandelelwano | Ixesha |
|---|---|
| 1. Yavela indlandlatheka | Eladlulayo |
| 2. Ndabafumana besasenga | Elabe lidlula |
| 3. Iqale ikreze | Elangoku |
| 4. Wabuya wayeka | Eladlulayo |
| 5. Wazivalela | Eladlulayo |

(2x2)= (4)

4.2 Isifanekiso-zwi Qhiwu (2)

Isivakalisi Abaleka amshiya amakhwenkwe wasala ethe qhiwu olo swazi. (2)

4.3 Isilabalabi: Ndasoloko (1)

Isivakalisi: <u>Ndasolok</u>o ndilala ndingatyanga kuba upheka ebusuku mfazindini. (2)

4.4 Isinkalakahliso. (1)

4.5 Iyabethelela. (1)

4.6 Isenzi: u<u>kubethelela</u>: Izivakalisi

- Igqirha lombele amayeza ekhaya lisithi liyabethelela ukuze bangangeni abathakathi. (2)

- Bethelela esi sikhonkwane sitshone lungaphetshulwa ngumoya olu phahla.
- Bethelela ezi ngongoma zibalulekileyo kubafundi ze bangazilibli (2)

4.7 Imbila yaswel'umsila ngokuyalezela / uhlangene neembila zithutha. (1)
4.8 Ukungaseli intloya asibobukrelekrele. (2)
**[40]**

**UMBUZO 5**

5.1 UKULUNGISWA KWEZIPHENE:

5.1.1 Abangafundiyo <u>mabagxothwe</u>, sifuna iziphumo thina. (1)
5.1.2 Andiyityi <u>intyabontyi</u>, nditya ithanga. (1)
5.1.3 <u>Ezi zindlu</u> zakhiwe <u>isidolophu</u>. (2)
5.1.4 <u>Sifike</u> ukutshona <u>kwelanga</u>. (2)
5.1.5 <u>Phaka mama</u> adle uLulama ahambe <u>kukude</u> eGoli. (Naziphi ezimbini) (2)
5.1.6 <u>Abo</u> bantu <u>bayandicaphukisa</u> (2)

5.2 Ukufakelwa koonobumba abakhulu nazo zonke ezinye iimpawu ezifanelekileyo:

ü ü
Kwathi kanti uJay ude wayinyibilikisa okwekhephu inyengane entliziyweni
ü ü ü ü
kaLindiwe. Ukususela ngaloo mini iingcinga zikaLindiwe zathi nca
ü ü ü
kuJay. Ukudibana kwabo kwityeli elilandelayo akuzange kungene moya phakathi
ü ü ü
kwabo. UJay wayezincothule iingcambu zesityalo sothando emphefumlweni
ü ü ü
kaLindiwe ngokuphathelele kuThabo, watyala esakhe esantshula okotyani
ü
obunkcenkceshelwa ngumvimbi entlakohlaza. (½ x 16)= (8)

5.3 5.3.1 UNomsa ufikile kwayisekazi evela eGoli. / Ufikile uNomsa kwayisekazi evela eGoli. (1)

5.3.2 Xa kungekho zinkuni basani amalongwe. / Basani amalongwe xa kungekho nkuni. (1)

**(20)**

**[60]**

**100**